Kodwa kwakungekho nto apho, izizihlangu nje zabazali bakhe ezazoyanyiswe ngodonga kuphela, kunye nesitya samanzi kaPuppy esasisemethini encinane. U-Onke wakhasa ekhaphethini eyayisepasejini, wadlula kwigumbi lokulala labazali bakhe, waze waya kukroba ekhitshini.

Isiporho! wakhwaza, ekhanyisa ngetotshi yakhe kwisithunzi esimnyama esasimi ngasesitovini. Isiporho sasinxibe iipijama ezizuba ezihonjisiwe ngeegusha.

Ziipijama zikaMakhulu ezo, watsho u-Onke. Uzibele ntoni iipijama zikaMakhulu, Siporhondini? U-Onke wakhanyisa ngetotshi yakhe ukuze abone ubuso besiporho. Tyhini nguMakhulu!

Onke, watsho uMakhulu, ethe ng a umlomo kukothuka. Indlela ondoyikise ngayo. Bendicinga ukuba usisiporho.

Mna ke bendicinga ukuba nguwe isiporho, watsho u-Onke, egigitheka. Wenza ntoni ekhitshini ebusuku kangaka, Makhulu?

Ndiphuthelwe, watsho uMakhulu, ngoko ke ndeza apha ekhitshini ukuze ndifumane ubisi olushushu kunye neebhiskiti. Uyafuna ukufumana ishwamshwam lasezinzulwini zobusuku kunye nam? U-Onke wancuma wanqwala.

Ngoko ke u-Onke kunye noMakhulu bahlala eta leni yasekhitshini bancokola ngokuzolileyo, bemana ukunkxuza iibhiskiti ezenziwe ngebhotolo ezikrwamzayo ezikomityini zabo zobisi olushushu. Emva koko benza isandweji eyojiweyo enehem, itshizi, itumato kunye nelethasi, baza bohlulelana ngayo.

Ukugqiba kwabo ukutya nokuphunga, bahlamba amazinyo abo okwesibini ngobo busuku. Emva koko ke u-Onke wathi busuku benzolo kuMakhulu, wabuyela kwigumbi lakhe lokulala. Ukuvula kwakhe ucango, uPuppy waxhuma wakhonkotha.

“Puppy,” watsho u-Onke, emmbambazela entloko, “ndim nje. Ingaba ubucinga ukuba ndisisiporho?”

UPuppy wakhotha ubuso bakhe waze waziqengqela kwingutyana yakhe ebomvu.

“Ngokuhlwanje ndisombulule iqhina elinzima. Ingaba uyayazi loo nto, Puppy?” wabuza u-Onke.

Kodwa uPuppy wayesele ezisongile, ewavale mba amehlo akhe.

“Oko kukhangeleka njengelona cebo lakhayo,” watsho u-Onke. “Busuku benzolo, Puppy.”

SEBENZISA UBUGCISA BAKHO!

Inja ka-Onke, egama linguPuppy iyaphupha. Khuthaza abantwana bakho ukuba bazobe umfanekiso kaPuppy elele yoyi uze ubacele ukuba bafakelele iqamza leengcinga elinomfanekiso obonisa ukuba uPuppy wayephupha ngantoni na.

Isiporho esinxibe iipijama zikaMakhulu

Libali likaKai Tuomi • Imifanekiso izotywe nguMagriet Brink kunye noLeo Daly

Umfanekiso

Inja kaOnke, uPuppy yayiphupha. Zoba umfanekiso kaPuppy elele yoyi uze ufake ilifu leengcinga kunye nomfanekiso ukuze ubonise ukuba wayephupha ngantoni uPuppy.

Ukufunda

Yiba ngumcuphi webali! Khangela amagama akwibali akuxelela ukuba:

- uOnke wayesele ewahlambile amazinyo akhe ngaphambi kokuba ayokulala ekuqaleni kwebali
- uOnke wayecinga uza kuyeka ukoyika xa enokwazi ukuba yintoni eyenze ingxolo emvusileyo
- wayesoyika xa ejonga epasejini emnyama
- wayecinga ukuba isiporho sinxibe iipijama zikaGogo
- uPuppy wayelele yoyi phezu kwebhedi kaOnke ngalo lonke ixesha esekhitshini yena.

Ukubhala

Bhala elakho ibali eloyikisayo malunga nento eyenzeka ebusuku.

Ubuchule

Yintoni ongathanda ukuyityа ezinzulwini zobusuku? Sebenzisa intlama yokudlala okanye udongwe ukuze wenze isidlo esimnandi sasezinzulwini zobusuku.

Ukwenza

Zingaphi iindlela ezahlukeneyo onokukwazi ukuba sisiporho esoyikisayo? Nxiba njengesiporho nize nitshintshisane ngokoyikisana. Ucinga ukuba iziporho ezinobubele ziphathana njani? Linganisani loo nto.